

# PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



## Ukufakwa kwekalika – ukutya kwengqondo

**U**kufakwa kwekalika kukholisa ukuba sesona senzo solondolozo lomhlaba singahoywayo emsebenzini wokufama. Sinento yokungawunonopheli lo mba obaluleke kangaka wokwandisa isakhono sesivuno somhlaba wethu kangangoko kunokwenzeka. Kodwa oku akukho malunga nezivuno kune nenzozo yethuba elifuthane kuphela. **Umhlaba nguwo wodwa umthombo wobutyebi bendalo onika uzinzo kumlimi ngoko ke ufanele ukulondolozwa.** Kunjalonje awunakuze ubuyise-leke. Ukuba uphethwe kakubi, oko kunokubanglela iindleko eziphezulu kakhulu zokuphinda ulungiswe, kwaye xa sowonakele kakhulu oko kunokukhokelela kwiimeko ezingenakulungiseka – ukhukuliseko lomhlaba kune nokujika kwavo ube ngumqwebedu onjengentlango.

Injongo yeli nqaku kukunika wena ukutya kwamathambo engqondo ngokwenthetho yesiNtu. linkcukacha ezintsonkothileyo zobuchule bobugcisa kune neefomula zenzululwazi zinokufumaneka xa umlimi ezidibanisa neengcaphephe – ngamacebiso ngohlahlutyo lomhlaba nangezichumiso. Zidibanise nazo!

Inqanaba lobuasidi/ubualkaline emhlabeni liboniswa neegama lenzululwazi elithi i-ph. Kaninzi eli gama siliva xa sixoxa ngeesampulu zomhlaba njalo njalo. I-ph ephezulu ithetha ukuba umhlaba une-asidi ephantsi (kubhetele ibe phezulu). I-ph engu-5,5 okanye ngaphezu koko emhlabeni ongaphezulu, nengu-4, 8 emhlabeni ongaphantsi yeyona enqweneleka malunga nenkoliso yezitalyo. (Umhlaba one-ph engu-4 uneasidi engaphezulu ngokuphinda-phindwe kali-100 kunomhlaba one-ph engu-6).

Imazini yakwa Grain SA  
yophuhliso lwabavelisi

### Bala Moteng:

04 | Ligugu iNAMPO ka-2015

10 | Oojongilanga okanye iimbotyi zesoya...zilinywe okanye zingalinywa

12 | iGrain SA kudliwano-ndlebe...noHenry March





## UMAKHULU UJANE UTHI...

**U**msebenzi wokuvuna uza kuggitywa kule nyanga kwaye ndiyakholelwa ekubeni baninzi kuni abaya kwaneliseka zizvuno abazifumeneyo. Siyavelana nabo basebenze nzima kodwa abawkazi kufumana sityalo kulo nyaka ngenxa yembalela. Sinethemba lokuba niya kuphindha nilime kwakhona kweli xesha izayo lokulima.

Asingabo bonke abantu belizwe lethu abawkaziyo ukufikelela kubukhulu obuthile bomhlaba – kukho abantu abafikelela kwihektare e-1 okanye ezi-2 logama abanye befikelela kumakhulu eehektare. Oko kuyinyaniso kweli lizwe lethu nakwamanye amazwe. Nangona kunjalo, yinto enako ukwenzeka ukuba ingulowo nalowo kuthi awusebenzise kakuhle umhlabo esinawo – akukhathaliseki ukuba unomhlabo ongakanani, okusentloko kukuba uwusebenzisa njani na.

Kulo nyaka, ngokusebenzisa inkqubo yethu yolondolozo lwabalimi esiyiphumeze ngoncedo IweARC, iMonsanto neOmnia, sikhazile ukuncedisa abalimi abayi-855 ukuba ingulowo alime ihektare yakhe e-1 ngokusebenzisa ezona ndlela zanamhla zokusebenza nezamalungiselelo. Umli mi ngamnye obekwiprojekthi uvune ngaphezu kwezivuno zangaphambili ngokuphinda-phindwe ngaphezu kwakabini. Asikokubaxa izinto ukuthi umlimi ngamnye ufumene iitoni ezi-4 zombona. Ngokwamanani esizwe eemveliso, sikhulu eso sivuno. Kaloku xa loo mlimi ebevuna iitoni ezi-2 kuphela kwixesha elidlulileyo aze ngoku afumane iitoni ezi-4, siphucuke kakhulu isivuno sakhe. Oko kuthetha ukuba loo mlimi unokuya kwekhaya lakhe okwaneleyo, unako ukondla imfuyo yakhe aphinde akwazi ukubonelela abamelwane okanye ummandla wentengiso okufutshane kuye. Le yinkqubela ephinda ikhokelele kumsebenzi wokufama wokurhweba.

Ndicela wonke umfundi wePula Imvula – ukuba asebenzise umhlabo anawo kulo nyaka ngesona sakhono sakhe siphezulu – thatha iisampulu zakho zomhlabo, sifake ngokuchanekileyo isichumiso sakho, sebenzisa eyona mbewu intle onokuyifumana uze ukhumbule ukutshabalalisa ukhula kuba lona lulutshaba lwakho. Ukuba sonke sizimisela kangangoko ukwenna okona kulungi-leyo ngaloo nto sinayo, inzuko iya kufunyanwa sisizwe ngokuphelela kwaso.

## Ukufakwa kwekalika – ukutya kwengqondo

Kwixesha elithile ebomini bethu, sikhe saphathwa sisitshisa okanye isilungulela. Sikholisa ukubangelwa yiasidi eggithisileyo esesiswini, ebangelwa luhlobo okanye ngumdibaniso wokutya esikutyleyo. Xa kusenzeka oku, siziva sithukuthezelwa. Silahlekelwa ngumdlala wokutya nangamandla ethu. Asikwazi kusebenza kakuhle. Ngoko ke senza ntoni? Sisela okanye simungunya into efana neRennie elwa iasidi. Kuthi kwakuphela oko kuthukuthezelwa sisitshisa, kube kungona siphinda sisebenze kakuhle kwakhona.

Umhlabo uphantse wafana nezisu zethu – usebenzisa amanzi ukuze uqhekeze (ucole ukutya), zonke izinto ebeziphila kunge nezichumiso. Oku kwenza ukuba isityalo sifunxe izondlo. Ukuba kukho iasidi eggithisileyo emhlabeni, isityalo asikwazi okanye asikulangazeleli ukufunxa izondlo (ii-phosphate).

Ehubeni, ukufakwa kwezichumiso zeekhemikhali, kunge nokufunxwa kweentlobo ngeentlobozendlosityalokunyusainqanabaleasidi. Nangu umzekelo wobuchule bobugcisa: iNitrogen ijkwa ibe zii-ayoni zee-nitrate neze-hydrogen emhlabeni. Xa iingcambu zesityalo zingakwazi ukufunxa ii-nitrate ngenxa yeasidi ephezulu, ukuze zibe kwindawo yofikelelo lweengcambu, ii-nitrate ziggibela ngokukhuliseka. Oku kushiya iilayoni ze-hydrogen kuphela – neziska ziqhube ngokwandisa iasidi.

Izenzo zokuhlakula nazo zinendima kumanqanaba e-ph. Xa uphethulwa umhlabo njengaja kuhlakulwa iinkqubo eziyindalo zeziqalelo zezipto eziphilayo emhlabeni ziyaphazamiseka. Oku kuchaphazela ukuqhekeka okuyindalo ukuze oko kujike kuchaphazele inqanaba lobuasidi. Eminye imibandela enokuba nefuthe kwi-ph yile: yimvula enku, izivuno eziphezulu iintlobo zemihlabo, isichumiso esinganelanga/esigqithisileyo okanye isichumiso esingachanekanga kunge nohlobo lwestiyalo esilinyiweyo.

Ngoko ke, njengezisu zethu, xa kukho imfunezo kufuneka sinyange loo meko ngokunjalo nomhlabo sifanele ukuununika unyang oolulta neasidi esemhlabeni – ikalika.

Zimbini iintlobo ezahluka-hlukileyo zekalika – **ikalika yezolimo**, ekusetyenziswa yona ubukhulu becalo, kuphinde kubekho **ikalika yedolomitc** efakwa emhlabeni ononqongophalo Iwe-magnesium. lingcaphephe zohlatulyo lomhlabo ziya kukwazi ukukucebisa ngokuthi usebenzise ntoni kwaye kangakanani entsimini nganye. Oku kunoshiya-shiyana ukusuka kwi-500 kg ngehektare nganye ukuya kwittoni ezi-2,5 ngehektare nganye okanye ngaphezulu.

Ikalika iseberenza ngokucotha xa kuthele-kiswa nesichumiso kwaye ifanele ukufakwa phambi kokuphethula – ifanele ukungenelala emhlabeni. Ikalika ingafakwa nokuba kunini en-

yakeni kodwa kukhethwa ukuba oko kwensiwe kuselithuba elide phambi kokutyalu ukuze ikalika inikwe ithuba lokusebenza emhlabeni. Nangona kunjalo, inzuko ezizezona ziphezulu zezethuba elide nezikholisa ukubonakala kumaxesha okulima alandelayo.

Ixabiso lekalika yona ngokwayo alikho phezulu kodwa iindleko zothutho ukusuka emigodini ukuya kwifama ziphezulu kakhulu. lindleko zothutho zahluka ngokuxhomekeke kumgama wefama ukusuka emigodini. Abalimi abaninzi abanazixhobo zokuyisasaza ukuze oko kukhokelele ekubeni babhenele kwiikhontraktha. Abalimi abaninzi basuka babone ezi nkictho, nomnye umsebenzi owenziwayo, njengento engeyomfuneko neyingxaki.

Nangona kunjalo, i-ph echanekileyo yomhlabo, KUFUNEKA ibe yintsusa yavo nawuphi umsebenzi wokufama – ISISISEKO ekwakhelwa kuso izityalo. **Isiseko esibuthathaka yiresiphi yentlekele ethubeni elide.** Ngaphandle kwe-siseko esomeleleyo sifana nabantu abalahla imali yabo – ngobuninzi bayo, okanye sisilahla sonke isichumiso esifakiweyo, oko kufane nokusilahlah nokusimosha.

Isityalo esingafumani manzi siyafa kodwa akukho nto ephila ngamanzi kuphela – kuba xa isiseko iseseasidi eninzi isityalo asikwazi kufunxa izondlo nokuba selemaninzi kangakanani amanzi!

Inye kuphela indlela yokufumanisa inqanaba leasidi kunge nonyango olufunekayo kukwenza uhlalutyo lomhlabo. Ukuba kufuneka ikalika eninzi kakhulu kwityeli elinye, mhlawumbi kungayimfuneko ukugalela ikalika yethuba leminyaka emibini. Kwakuba kufikelewe kwi-ph efunekayo, kubalulekile ukuqinisekisa ukuba loo manqanaba ekwyeyona ndawo iphezulu, ukuze umlimi abe nethuba lokuvavanya umhlabo qho ngonyaka wesibini okanye emva kwsivuno esingaqhele-kanga nokuba kusemvu kwexesha lemvla.

Khumbula, ukufakwa kwekalika asiyondlela yokulungisa ekhawulezayo. linzuko zibonakala emva kwethuba elide kakhulu, ngaphandle koku-ba amanqanaba e-ph agcinwa kwinqanaba elielona lifanelekileyo ngexesha lokulima ngalinye.

Elokuqoshelisa, – naku ukutya kwamathambo engqondo – phatha umhlabo ngentlonelo efana naleyo yesisu sakho. Qinisekisa ukuba uwondla ngokutya okuchanekileyo, kwaye nceda, qinisekisa ukuba awupathwa sisitshisa NANINI! ◇

**Inqaku linikelwe nguRaymond Boardman, uMlimi, iSisele samacebiso uMcebisi wase-Ventersdorp, kwiPhondo laseMntla Ntshona.**  
**Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: rboardman@gmail.com.**

# Sebenzisa ulwazi ukuzuza iimveliso zomgangatho ophezulu

Ishini lokufama lelokukhupa iimveliso ezingwa ngabantu ukuze kufumaneku inzuko ngokudibana nokuguqula izinto ezine ezinokusetyenzisewa ukwenza imveliso, ezizezi, umhlaba, imali yeshishini, abasebenzi kunye nolawulo ukuba zibe ziimveliso ezisebenzisekayo ezifana nokutya kunye/okanye usinga.

Khumbula ukuba kulo lonke uthotho Iwethu Iwamanqaku amalunga nolawulo, omnye wemithethosiseko esiwugxinisileyo kukuba yonke into kwaye wonke ubani onenxaxheba emsebenzini wokufama, umnini/umphathi okanye abasebenzi, aye-nzayo okanye angayenziyo xa kukho imfuneko, ichaphazela inzuko/ilahleko yeshishini.

Umgangatho uchazwa njengeqondo lokubalasela kwento xa ithelekiswa nezinto eziyelele kuyo. Malunga neemveliso zolimo umgangatho uthetha ukubonakala okungaphandle kwemveliso – ngaba ikhangaleka kakuhle, ilungile, intsha, inempilo kwaye inomtsalane? Ngaphakathi, inempilo, inexabiso elilungileyo lezondlo kwaye inesongo esilungileyo? Okwangoku iimveliso zilinganisela ngokwenkangeleko yazo – yangaphandle. Nangona kunjalo, ngenxa yokupuhlu kobuchwepeshe banambla seiyintyo eya ngokwenzeka ukulinganisela iimpawu zangaphakathi kwiimveliso ezifana nobuswiti, ukuthamba, iziquatho zeswekile, njalo njalo.

Umgangatho weemveliso uchatshazelwa liqela lemibandela efana nemozulu, umhlaba, indlela yokulima, ukuvuna, ukupakisha nothutho. Ifutha lemozulo lelona kunzima kakhulu ukulilawula. Nangona kunjalo, inkubo yokulima iyalauleka. Umzekelo: Uktshabalalisa ukhula kwakho kusebenza kakuhle kangakanani? Uyazilawula na izidalwa nezifo ezonakalisa izityalo? Injani inkubo yokuvuna? Inkubo yokuthengisa yona? Ngamanye amazwi, ngaba yonke into efanele ukwenziwa yenziwe ngexesha layo kwaye ngokuchanekileyo ukuze kwenziwe kwaye kunikelwe ngemveliso esemgangathweni?

Nangu umbuso ofanele ukubuzwa – “Ndizifuma njani iimveliso eziemgangathweni?” Impendulo iqala ngolwazi.

Okokuqala, yazi ifama yakho nezinto onokuzisebenzisa. Ntlobo zini zemihlabu ezikwifama yakho? Injani imo yezondlo zemihlabu? Mangakanani amanzi ingawaphi akhoyo? Ngaba amanzi akufanele ukulinywa kwezityalo? Okanye mhlawumbi ngaba ifama yam ingumhlaba owo-mileyo? Ingakanani imvula kwaye ungakanani umyinge wemvula ofikelelayo kwithuba elide? Izinto ezinokusetyenzisewa eziphathekayo zizalathisi eziphamibili zemveliso/zeemveliso eziza kukhuthswa efama kunye nomgangatho wazo.

*“Umgangatho uchazwa njengeqondo lokubalasela kwento xa ithelekiswa nezinto eziyelele kuyo.*

Okwesibini, ufanele ukufumana ulwazi oluninzi kangangoko unako malunga nemveliso/iimveliso ozikhuphayo – ukususela ekulungiseni umandallo wezithole ukuya ekuvuneni, kwiimeko ezi-nokubakho malunga nentengiso nokufakelwa kwexabiso. Yiya kwintsuku zabalimi, ungaphoswa ngamathuba ezifundo, fumana uncedo kumcebisi, njalo njalo. Nceda khumbula ukuba le yinkubo yobomi bonke. Ushihino Iwethu lusoloko luguguquka, luqhubela phambili kwaye ludlamkile yiloo nto nawe ufanele ukusoloko uzigcine ngo-lwazi oluphangaleleyo ngezinto ezielayo ezintsha – **umlimi ngumfundi kubo bonke ubomi bakhe.**

Kananjalo kufuneka ufumane izakhono zobuchule eziyimfuneko zokukhupa i/imveliso. Izakhono zokulungisa umandallo wezithole ngendlela efanelekileyo, ukuseka isixhobo sokutyalu, ukusebenzisa nokulungelelanisa izixhobo zokusebenza, ukuvuna imveliso, ukupakisha nokuthutha kunye nokusa imveliso.

Uza kudinga futhi izixhobo ezifanelekileyo, kanti oko kusenokuba yingxaki enkulu ngenxa yemali enokufuneka. Kodwa khumbula oku: “**n Boer maak 'n plan.**”

Njengoko sekutshiwo, yonke into ixhasa ukuba wena, njengomlimi, ufanele ukwenza into ofanele ukuyenza ngexesha elilungileyo ngendlela elungileyo. Ukuba kukho into onganyenziyo oko kuya kuchaphazela umgangatho we/weemveliso ozikhuphayo ngokunjalo inzuko/ilahleko yeshishini lakkho.

Ziliqela iindlela zokuthengisa i/imveliso yakho – iitengiso zasesangweni lefama, kwiintengiso zendawo ohlala kuyo, kwiikhontrakthi zemizi-mveliso, kwiindawo zokuthengisa ukuya okutsha, kwi-intengiso ezingqalileyo (ezifana nokusa imveliso kubhaza-bhaza wevenkile), ukongezwa kwexabiso nokuthengisa kwamanye amazwe. Indawo yentengiso ifuna iimveliso eziemgangathweni kanti **iimveliso zomgangatho ophezulu zifumana amaxabiso aphucukileyo.**

Intengiso ngumnumzana onzima. Akabuzi ukuba zivela phi iimveliso. Ufuna iimveliso eziemgangathweni ukuze kubonelelw abaxumi/abathengi bakhe. Ukuba umthengisela iimveliso zodidi oluphezulu uya kukuphendula ngamaxabiso aphucukileyo. Khumbula ukuba lo mnunzana

wendawo yentengiso uya ngokusiqinisa isandla mihihle ngenxa yoxinzelelo lwabathengi malunga neenqubo zokulima ezivana nokusingqongileyo nezinempilo entle. Isiphumo soku kukuba ukulanda umkhondo yinto eyenziwayo – ngaba ivelaphi imveliso kwaye iveliswa njani – ngaba izele zikhemikhali? Nangoku kukho iimveliso ezilandelwa zide zikhombe kumlimi wazo kanti iimveliso ezingaphucukanga zifunyanelwa isohlwayo.

Ndingalibelanga, kubaluleke kakhulu ukutyelela ummandla wentengiso rhoqo ukuze uqaphele okwenzekayo (ngaba iphatthwa kakuhle imveliso yakho?), qwalasela okwenziwa ngabanye abalimi, yiba nezinto ozifunda kwindawo yentengiso ukuze ubuye usebenzise ezo zifundo. Akukho ndawo unokufunda nzulu kuyo ngothutho ngaphezu kwayo, ufilelelo kwindawo yentengiso, ukuhlela, ukupakishwa, ukubekwa ngokobukhulu, imboniso ngaphezu koko umgangatho.

Elokuphetha, akukho mholti womgangatho ungcono kunomthengi kwindawo yentengiso. **Ukuze uphumelele kufuneka iimveliso zakho zibesemgangathweni ophezulu.**

*Inqaku linikelwe nguMarius Greyling, umbali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: mariusg@mcgacc.co.za.*



# Ligugu iNAMPO ka-2015



*Abathunhya babaLimi beNew Era yaseNtshona Koloni. UKususela ekhoho: nguJane McPherson (waseGrain SA), uJannie Jonas (waseRobertson), uRoderic Duminy (waseGenadenda), uAugustin Maarman (waseGoedverwacht), uUlrich Engelbrecht (waseGoedverwacht), uEwan Mathews (waseSaaron), uWhernit Dirks (wasePiketberg), uSamantha Smiles (wase-Elim), uHenry March (waseHopefield), uBelinda Collins (waseGoedverwaght), uUrban Simons (waseBredasdorp), uLiana Stroebel (waseGrain SA), uByno Huffel (waseCeres) noWillie Job (waseRobertson).*

**U**kudityanisa kobuchwepheshe bezolimi okukokona kwanamhla, iyantlukwano yeemveliso, usungulo lwezinto ezintsha, iingxoxo, amathuba othungelwano, ukutenda iindwendwe ngokwasefama kunye neemeko zemozulu ezifanelekileyo konke kuqinisekise ukuba iNAMPO 2015, eibabanje eBothaville eFree State kwiveki edlulileyo, iligciniye igama layo njengomboniso wezolimo waseMzantsi Afrika.

I-Grain SA, umquuzeleli woSuku IwesiVuno Iwe-NAMPO, yanelisekile sisiphumo solu Suku Iwesi-Vuno lwe-49, kanti nengxelo esiyifumene ebantwini ebebekwiindawo zemiboniso yempahla kulo nyaka weendwendwe ezifyi-69 584 ibonisa umda omkhulu.

Bekufakelwe izinto ezintsha ezifana neeplothi zembewu, ihotele yentente nesioxolelwano sothutho ngetrektara erhuqa inqwelo bezitsala umda kwaye zibe negalelo elincomekayo. Ngaphandle kwiingxaki ezenziwe ngamalinge amatsha, inkqubo yokungena ngamatikiti athengwa kwikhompyutha

isebenze kakuhle. Kulo nyaka ababonisi bempahla neendwendwe baboniswe inkqubo yeNAMPO kwaye ngoku iza kupuhliswa ize ithengiswe banzi. I-Grain SA iququzele nakwimijelo yonxibelelwano Iwentlalo ngeVeki yoSuku IwesiVuno kodwa lo mjelo usetyenziselwe ukupapasha iifoto zexesha lenene kunye neenkukacha kananjalo nokuphendula imibuzo ngokubanzi.

"Ubunokulindela ukuba imbalela ekhoyo ngoku ibe nendima ephambili kubalimi, kodwa ibithe kraty imibuzo esiyifumene malunga nokubuyisewa kwemihlabla ngapezu kwaleyo emalunga nembalela," utshilo uJannie de Villiers, uMphathi oyiNtloko wesiGqeba esilawulayo waseGrain SA.

UMphathiswa wezoLimo, aMahlathi nokuLoba, uSenzeni Zokwana ebeyile kwiNAMPO ka-2015 ukuze abe nenxaxheba kwingxoxo yeNcoko yeSizwe ngobudlewane babasebenzi. Ukubuyiselwa kwemihlabla, iinkqubo zoncedo Iwemali, ubukho bemithombo yobutyebi bendalo kunye nexabiso lomanyaniso lwezobuchwepheshe zezinye zezihloko zeNcoko





UJannie de Villiers, iCEO: Grain SA noSenzeni Zokwana, uMphathiswa wezolimo, aMahlathi nezokuLoba babelana ngomcimbi weNAMPO 2015.



Bamalunga nama-69 584 abantu abebeze kwiNAMPO kulo nyaka.



lindwendwe ezonwabileyo kwindawo yomboniso yeGrain SA.



## Ligugu iNAMPO ka-2015



yeSizwe apho abaqulunqi bezimvo bebenenxa-xheba khona ukuze kubunjwe umfanekiso wezimvo ngezelimo abanokuxhotiya ngazoabantu.

"Ubukho bukaMphathiswa Zokwana bebuliqhayiya kwigrain SA nakwezolimo ngokubanzu. Ushishino lokutya okuziinkozo luyalwamkela amalinge akho asoloko eghuba okuzidibana nezolimo olurhwebayo. Kubonakala ngathi ungumphathiswa wokuqala wezolimo ukususela ngo-1994 uku-tyelela uSuku IwesiVuno. Oku kugxininisa ukuba uSuku IwesiVuno IweNAMPO liqonga leengxoxo-mpikiswano, nothungelwano eligunyaziweyo," wongeze watsho uDe Villiers.

I-Grain SA iphinde yabamba iingxoxo neentloko zeebhanki ezirhwebayo, iLand Bank naboshishino Iweeinshorensi malunga nokwenziwa ngokutsha kwezcwangciso zamatala okulima zabalimi bokutya okuziinkozo, kanjalo noncedo lwemali yamalungi-selelo abalimi abarhwebayo bethuba elitsha.

Lo mbutho uvuza amalungu awo ngenjongo yokuwabulela ngenkxaso yawo engagungqyo. Ihlo yamalungu – ehlaziwe kunyaka odlulileyo – nekungenwa simahla kuyo kanti inayo nendawo yokupaka iimoto, iphinde yasetyenziswa ngendlela encomekayao ngamalungu aseGrain SA.



"Isiseko sezibonelelo saseNAMPO Park sase-kwa saze saphuhliswa kwithuba leminyaka ukuze sikwazi ukulingana iindwendwe ezinanzi lula kwaye sibe nazo nezibonelelo zokuqhuba imiboniso zomgangatho ophezulu oya kuthandwa ngababukisi. Kanti nendawo yokugxidikela inako ukuzamkela lula iinqwelo-moya eziyi-365 neehelikopha kwiintsuku ezine zeNAMPO. I-Grain SA inebhongo lokusingatha uSuku IwesiVuno IweNAMPO Iwesi-50 kunyaka ozayo," utshilo uCobus van Coller, usihlalo wo-Suku IwesiVuno IweNAMPO.

Lo mboniso worhwebo kwezolimo usoloko uqutywa ngeveki ye-20 yonyaka, oko kuthetha ukuba uya kuba phakathi komhla we-17 nowe-20 kuMeyi ngo-2016. ♦

**Ingxelo enikwe ijelo losasazo yiGrain SA.  
Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili  
apha: [johan@grainsa.co.za](mailto:johan@grainsa.co.za).**



Iindwendwe zithatha ixesha lazo zityhila iPula Imvula.



Besineqhaya futhi lokwamkela iNkulumbuso yaseLesotho, uPakalitha Mosisili.



Abalimi beNew Era babuza ngesixhobo sokuvuna.



Aba balimi basebatsha babinisa umdla kwenye yeetrektara ezisetyenziselwa uqeqesho kwilNkqubo yethu yoPhuhliso lwabalimi.





# ICANOLA – imibandela emayikhunjulwe ngoJuni - Septemba



i 20% yezityalo isenokuba isulelwe ziintwala zekhaphetshu.



Umonakalo wemidumba owenziwe luvivingane olusabuDayimani.

canola sisityalo esibaluleke kakhulu kanti sikhathswa yimibandela yolawulo emininzi efanele ukuthathelwa ingqalelo ukuze kumphemele ukulinywa kwecanola.

Kukho izidalwa nezifo ezibalulekileyo eziyingxaki ezifanele ukutshatyalaliswa, kuba ezi zifo nezi zidalwa zinefuthe elikhulu kwisivuno secanola.

## Izifo

**I-Blackleg (*Leptosphaeria spp.* / *Phoma lingam*)**

Esi sifo sibaluleke kakhulu, kuba sinefuthe elikhulu kwisivuno. Kufuneka kusetyenziswe iindlela ezingileyo zolawulo ukuze kuncitshiswe isiphumo esingalunganga sesi sifo.

Kwithuba langoku mibini imichiza ebulala isifo somgundo ebhaliselwe icanola ukuze kutshatyalaliswe iBlackleg. Le michiza elwa umngundo mayitshizwe kwibanga lamaggabi lesi-4 ukuya kwelesi-6 lesityalo.

## Ukubola kwesikhondo (*Sclerotinia sclerotiorum*)

Esi sifo siya ngokubaluleka kuba iihektare ekulinywa icanola kuzo zandile kwiminyaka embalwa edlulileyo.

I-Sclerotinia sinabamkelo boluhlu olubanzi kwaye phakathi kwabanye sihlasela izityalo zemidumba esicaba yee-ertyisi, iimbotti zesoya kunye nojongilanga. Imiqondiso ibonakala ngethuba lokudubula kweentyatyambo okanye emva koko.

limeko ezilandelayo zizikhokelo ezifanele ukubonakala xa kukho ugqabhuko IweSclerotinia. limeko zobumanzi kwiintsuku ezili-10 obona buncinane kumphezelu womhlaba kwinyanga

eziphakathi ukuya kwezamva zobusika, kubushu obuphakathi kwe 10°C - 15°C ukze iSclerotinia sintshule kulandele ukukhutshwa kwembewu yezi-pora. limeko ezifudumeleyo nezifumileyo zobushu obuphakathi kwe 20°C - 25°C obubangela ukupuhlu kwemisikeko yesikhondo.

Eyona miqondiso eluphawu oluphambili kakhulu lwesti sifo ibonakala emazantsi ezikhondo zezityalo. Kubonakala amachokoza amhlotshana aneendawo ezingwevu esizikithini kwizikhondo, phantse kwindawo yokuhlonelywa kwamaggabi okanye amasebe akhula emacaleni.

Umgungo awubangeli zipora kwizityalo ezichaphazelekileyo, kodwa kubakho umqulu oxinene ziintongana ezimhlophe, apho iSclerotinia sibonakala khona esikhondweni. Isclerotinia si-yakwazi ukuphila kude kube yiminya esixhenxe emhlabeni. Kubaluleke kakhulu ukusebenzisa ukujikelezisa izityalo kubekho nezityalo ezingengabu abamkeli bayo ezifana nebhalu, ingqolowa kunye neowuthsi ukuze kwehle isiganeko sokuboliswa kwezikhondo siSclerotinia.

## Izinambuzane

**Iztwala zekhaphetshu  
(*Brevicoryne brassicae*)**

Iztwala zekhaphetshu ngoku ziluhlobo oluphambili Iwezinambuzane ezizondla ngecanola. Icanola ikuvela kakhulu ukuhlaselwa zezi ntwa ngethuba lamabanga asekuqaleni okukhula. Ukuhlaselwa okungamandla ngexesha lamabanga okudubula kweentyatyambo nokumbuka kwemidumba kusenokuthintela ukubumbeka kweentyatyambo kuphinde kudodobalalise kakhulu ukwandlaleka nokuhlohlaka kwemidumba. Oku kuneftue elikhulu kwisivuno. Ukuba kunqongophala ukufuma

kabalulekile ukukhusela icanola ezintwaleni. Amaxabiso omyinge: i-20% yezityalo isenokusuleleka.

## Uvivingane olusabuDayimani (*Plutella xylostella*)

Esi sinambuzane esikhola ukujongelwa phantsi kanti umonakalo esiwenzayo ungaphezu koku-cinga kwethu.

Ngokokuxhomekeka kubushushu obuthe lwale, isinambuzane esesikhulile (uvivingane) lukholisa ukuqwälaselwa kwibanga lokoluteka kwasikhondo. Umbungu omncinane oluhlaza utya amaggabi wenze imiqgobho. Imidumba nayo iyahlaselwa, kodwa umonakalo ukholisa ukuba phezulu kanti imidumba ayifane igqojozwe, nangona kunjalo, imidumba eyonakeleyo ifa lula ngakumbi. Kubakho isizukulwana esinye ngexesha ngalinye lokulima.

Amaxabiso omyinge: Ukudubula kweentyatyambo kwithuba elisesiphakathini ukuya kwelibamezelekileyo: imibungu eyi-17 ukuya kweyi-23 nezityalo ezili-10. Ukuhlohlaka kwemidumba: imibungu eyi-43 ukuya kweyi-57 nezityalo ezili-10.

Kabaluleke kakhulu ukuthathwa kweesampulu ukuze kuchongwe esi sinambuzane kwangoko size sitshatyalaliswa. Xa kushushu kakhulu uVivingane olusabuDayimani lwanda ngokukhawuleza okukhulu. Ukuhlohlaka kwemidumba: imibungu eyi-43 ukuya kweyi-57 nezityalo ezili-10.

**Inqaku linikelwe nguJannie Bruwer,  
uMphathi kwiBayer Crop Sciences, eKoloni  
eseMzantsi. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela  
i-imeyili apha: jannie.bruwer@bayer.com.**



# Quka oojongilanga kujikeleziso Iwezityalo ukwenzela uzinzo

**N**genxa yobunzulu besixokelelwano see-ncambu zikajongilanga, uya kufumanisa ukuba kwiminyaka yembalela enzima njengalo usandul' ukndlula bebeya kuqhube bhetele kunaso nesiphi esinye isityalo esikwifama yakho. Bayinyamezel a kakhulu imbalela kanti basenokuba luncedo olukhulu ekuthatheni indawo yamalungiselelo onyaka wesityalo esinqaqhubanga kakuhle.

Nangona kunjalo, ngenxa yeengambu zikajongilanga ezifikelela enzulwini kufuneka ukuthathele ingqalelo ukufuma okufunxwe emhlabeni. Ulu-wulo lokujikelezwa kwezityalo maluphunyezeze ngendlela efanelekileyo.

Oojongilanga bakhula msinyane kakhulu kunombona ngoko ke banokulinywa mva kunombona. Kweli xesha lidlulileyo lokulima siqaphele ukuba bandile abalima abalima oojongilanga ngenxa yeemvula ezifika emva kwexesha. Asilinywanga isityalo sombona esinini ngenxa yonqongophalo Iwexesha. Mhlawumbi le ngxaki ilithamsanqa elifihlekileyo kubalimi abanini nje-ngoko ipesenti enkulu yombona obulinywe kulo nyaka ungenasivuno singako. Kwelinye icala, oojongilanga bebeya kuba nento abeza nayo. Noku-ba bebengasayi kwenza mahluko ongako kodwa umlimi ebeya kukwazi ukufaka umatshini wokubhula nokuvuna entsimini. Thina balimi sifanele ukufunda lukhulu kwimeko yonyaka ofana nalo.

- Singafunda indlela yokulondoloza ukufuma.
- Singafunda indlela yokwenza ucwangcisel leembalela zexesha elizayo.
- Singafunda ixabiso leeyantlkwano zezityalo.
- Singafunda ixabiso lentsimi elifusi.
- Singafunda ixabiso lolawulo Iwemali, ngakumbi ulawulo Iwemali yethu ukuze sikkwazi ukuhambisana namaxesha afana nala.

Nangona uninzi Iwabalimi, ngakumbi kwimandla esentshona yelizwe ngelubetheke kakhulu kulo nyaka, kulinzi esinokukuzuza kwimbalela. Ukuba unethamsanqa lokuqhube ngeshishini kwixesha lokulima elizayo, kufuneka ukuba izinto ozifunde kwiinyanga ezidulileyo, ngoku uziphumeze ukuze zingene kwisicwanciso seshishini lakho sexesha elizayo.

Ngokufakela oojongilanga kujikeleziso Iwakho Iwezityalo uya kuba ufakela uzinzo kune ne-nwtana yokhuseleko. Ngokuqinisekileyo anditsho ukuba lima oojongilanga bodwa kwixesha elizayo lokulima, hayi. Kodwa endikucebisayo kukulima ipesenti yooyongilanga emasimini akho. Futhi ndicebisa ukuba enye ipesenti yamasimi akho mawabe lifusi. Zicgine zicocekile ngazo zonke iinyanga zehlobo, uya kuqaphela ukuba kukho umahluko omkhulu kwizivuno ozifumana kuloo



masimi kwixesha lokulima elizayo ngenxa yoku-gcineka kokufuma. Lo mgaqo usebenza kakuhle kakhulu kwimihlaba yesanti.

## Ngoko ke ndifanele ukwenza ntoni ngoku?

Isityalo sakho sikajongilanga sifanele ukuba ngoku sesivuniwe sathengiswa. Ukuba unendlela yokugcina isityalo sakho sikajongilanga, kungaba luluvu olulungileyo ukusigcina kude kuge ngu-Disemba xa amaxabiso ethande ukuba kweyona ndawo iphezulu. Kodwa ngokuqinisekileyo kunya-ka ofana nalo kunzima ukwenza njalo kuba sonke sifuna namalini esinokuyifumana.

Chitha iinyanga ezizolileyo ulungiselela amasi-mini akho ixesha lokulima elizayo. Emva kokuba iinkomo zitye konke okukhoyo okunokutiywa emasimini avuniweyo kajongilanga kusoloko ku-luluvu olulungileyo ukugeca konke. Ngale ndlela kuya kugecwa zonke izikhondwana eziseleyo ukuze ufumane umandallo wezithole ogudileyo wesityalo esilandelayo.

Isakhono sakho sokwenza isicwangciso se-minyaka yobunzima enokubakho kwixesha elizayo siya kwalatha impumelelo yeshishini lakho lokufama. Xa unokuhumbula izifundo ozifunde kulo nyaka udlulileyo usenokukulungela ngokwaneleyo ukusinda kunya wembalela olandelayo ono-kubakho. Kwazi bani, ixesha lokulima elizayo lisenokoma nangapezulu kunesiqhelo. Masithembe ukuba akunjalo.

**Inqaku linikelwe nguGavin Mathews,  
oneMfundu yesiDanga kuLawulo loBume  
obusuNqongileyo. Ngolwazi olithe vetshe  
thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.**

**Foto 1: Amanani ezityalo alungileyo.**

**Foto 2: Izityalo zoojongilanga abahlumayo abasempilweni, bazizisulu kodwa bomelele.**

**Foto 3: Iziphumo zokwenza izinto ngokuchanekileyo.**





# Oojongilanga okanye iimbotyi zesoya... ZILINYWE OKANYE ZINGALINYWA



*Ukulungiswa kwentsimi yakho kuselithuba kwaye kakuhe kubalulekile ukuqinisekisa ukuntshula kwembewu ngokupheleleyo, ukukhula kwestiyalo nezivuno.*

**I**xesha lokulima lango-2014/2015 belinzima kakhulu kwabanye abalimi abafumene amaxesha emvula nawokubalela ebbolekisanra ngeendlela ezingaqhelekanga. Iimeko zethuba ebelinekugaleni lokuhlwayela kwezinye iindawo belilungle nemihlaba imanzi ikulungele ukuntshula okulungileyo neendawo ezibukekayo zeembotyi zesoya.

Kwiindawo ezininzi, emva kokuntshula, kubekho iintsku zobushushu nezipholileyo zihamba kunye neentsuku zobusuku obebubanda kakhulu esaqala uNovemba ukuba esiphakathini sakhe. Ukubumbe ka kwamaqhuhuva kuye kwabambezeleka saza isi-tyalo asafumana bushushu baneleyo nobuzinzieyo ngexesha elibalulekileyo leeveki zokuqala ezintathu ukuya kwezintlanu emva kokutyalwa. Kananjalo neembalela zasesiphakathini sexesha lokulima akhe athi xha amasimi eembotyi zesoya aze aqalisu iddlela ethile yokukhula. Phantsi kwezi meko izivuno ziye zaxubana, obona buncinane, neenkozo ezincinane kakhulu eziunwa kwizityalo ezilinywe mva. Linko-ko ziye zalinganiswa esikalini zaba kumyinge we 0,7 gram. Nakwiminyaka engaphambili embibeku-kho ubunzima beenkozo obebungaphezu kwe 0,11 gram. Kwamanye amasimi kufunyenwe ittoni eziyi 0,35 ngehektare kuphela phantsi kwezi meko.

Kwiindawo ezithile ebekulinywe kuzo izityalo zibuye umva kwithuba lembalela yasesiphakathini se-hlobo kwaza konke kwadubula iintyatyambo esaqala uMatshi. Eminey imihlanganisela idubule iintyatyambo kwiintsku eziyi-21 emva kwexesha ebelilidelekile ngokobushushu bemihlanganisela okanye ngokweentsuku zokukhula ebezilindelekile.

## Iimeko zeendawo zeentengiso nemveliso eqikelelwayo

Ngokusebenzisa iinkcukacha ezinika yiSagis nayikomiti yeengqikelelo zezityalo kubonakala ukuba indawo ekulinywe kuyo iimbotyi zesoya kwixesha lokulima lango-2014/2015 yande ngehektare eziyi-184 000 ukuya kufika kwiihektare eziyi-687 300 ukuze uqikelelo lwasivuno lube ziiton

eziyi-942 850 ngesivuno esiqikelelwayo somyinge we-1,37 weeton ngehektare nganye. Igalelo kolu Iwandiso ngokwendawo elinyiweyo yephondo ngalinye libe ziihektare eziyi-104 000 eFree State, eMpumalanga zibe yi-42 000, eMntla Ntshona ziyi-16 000, eGauteng ziyi-10 000 ukuze Kwazulu-Natal iihektare zibe yi-7 000 kodwa amanye amaphondo akatshintshanga.

Ngokoqwalaseloe IweCommodity Derivatives Market IweSafex kubonakala ukuba amaxabiso ekamva eembotyi zesoya aphakathi kwe-R4 835 kuMeyi 2015 ukuya kwi-R5 113 ngoDisemba 2015. Ukwanda kukhanya isakakhulu iindleko zolondolozo nezokupathwa ingengawo amandla okuthenga na-wokuthengisa. Sebenzisa la maxesha exesha elizayo kuthelekiso Iwakho Iwangoku lweengqikelelo.

Kwizithili ezininzi ukwanda kwensiwe ngabali limi abalima iimbotyi zesoya okokuqala. Njengakuwo onke amalinge omntu, ilinge lokuqala alidli ngokuqua-ba ngokwesicwangciso. Ulawulo nokulinywa ngakumbi iimbotyi zesoya ezilinywa ngokuqaphela okukhulu kufuna ucwangciseloe ngononophelo.

## Izifundo ezinokufundwa kweli xesha lokulima zinokusetyenziswa kwixesha lokulima lango-2015/2016

Izivuno ezifunyenwe kwintsimi nganye zifanele ukuba zibe zibhaliwe ngokunjalo nesiphumo semihlanganisela eyahluka-hlukileyo etyaliweyo. Baninzi abantu abatsha ekulimeni iimbotyi zesoya, abacetyiswe kakuhle, baze balima iintloba eziliqela zorhwebo kananjalo nembewu ethengwe kubahloba babo na-kubamelwane. Abanye abalimi, ngelingi eelingathi belingxamisekile lokulima iimbotyi zesoya, bagqibe ukutyalala phakathi kwe-20 ne-24 Disemba. Umntu uyazibuba ukuba ngaba koku kuhlwayera kuhkona na kuko okunike isivuno esingaphezulu kwisiqingatha setoni ngehektare.

Kubaluleke kakhulu ukukhetha umhlanganisela ochanekileyo ngokwesakhono somhlaba nangokwemozulu ekhoyo kwindawo yakho. Kubonakala ukuba ukulima emva komhla we-15 kuNovemba

## Pula Imvula's Quote of the Month

*"Occasionally ask: 'What is the connection between what I want most in life and anything I plan to do today?'"*

~ Robert Brault



## UKULINYWA KWEMVELISO



*Imidumba yeembotyi zesoya.*

nokuba yimihlanganisela yexesha elisesiphakathini okanye elifutshane eFree State kukuzifaka emngci-phekweni. Isityalo asinaxesha elinganelanga kuhela lokukhula nangobude kodwa kwifektri yezityalo kuba nzima ukujika amandla elanga ukuba abe sisivuno sembewu enesakhono sokuba kurhwebo.

Ukuba unomdla, thatha enye yembewu ebityalwe emva kwexesha ukuze ivavanyelwe isiqulatho seoyile neprotheyini. Uya kufumanisa ukuba iziphu-mo zibonisa iipesenti ezinganeno kakhulu zeoyile kune 18% kunye nobalo oluphantsi lweprotheyini. Le mibandela mayiqwalaselwe xa kuxutywa izixa ezithile nembewu yezi mbotyi zesoya ebezicudiselwe ioyle nekeyiki yeoyile yeembotyi zesoya.

### Isiphetho

Kubalulekile ukwenza uhlalutyo oluneenkukacha ezibanzi malunga nazo zonke izityalo zasehlotyeni uthathelo ingqalelo imveliso yakho yenene yee-mbotyi zesoya noojongilanga njengenye imveliso. Oojongilanga abalinywe emva komhla we-15 kuNo-vemba banike isivuno seetoni eziyi 1,5 ngehektare, sinika ingeniso epheleleyo ye-R7 250 xa kutheleki-swa ne-R1 680 nge 0,35 yetoni ngehektare yesityalo seembotyi zesoya.

Thenga imbewu eyaneleyo yazo zombini ezi zi-tyalo ukuze ukwazi ukutshintshela ekulimeni oojongilanga xa ithuba elielona liphezulu lezityalo zakho ebeziwangciselwe zeembotyi zesoya lingasafike-leki. Kufuneka ukwazi ukujika uziqhelanise neepateni zeemvula ezingaqhelekanga neziguqu-guqukayo zexesha lokulima ngalinye. ☺

**Inqaku linikelwe ngumilimi  
othathe umhlala-phantsi.**



*Isityalo esiselula seembotyi zesoya entsimini ephethwe kakuhle kakhulu.*

# IMVULA

## Iqela labahleli

### GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324  
7 Collins Street, Arboretum  
Bloemfontein  
► 08600 47246 ◀  
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

### UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson  
► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

### UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel  
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

### UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks  
► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



### IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

iSiXhosa,  
iSiNgesi, iSiBhulu, iSeTswana,  
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

### INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

### ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Danie van den Berg  
Free State (Bloemfontein)  
► 071 675 5497 ◀ danie@grainsa.co.za

### Johan Kriel

Free State (Ladybrand)  
► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

### Jerry Mthombobothi

Mpumalanga (Nelspruit)  
► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

### Vacant

Mpumalanga (Belfast)

### Jurie Mentz

KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 034 980 1455 ◀ Sydwell Nkosi

### Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)  
► 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

### Lawrence Luthango

EMpuma-Koloni (Mthatha)  
► 076 674 0915 ◀ lawrence@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 047 531 0619 ◀ Cwayita Mpotyi

### Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)  
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8057

### Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)  
► 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

### Vusi Ngesi

EMpuma-Koloni (Maclear)  
► 079 034 4843 ◀ vusi@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8070 ◀ Sally Constable

**Articles written by independent writers are the views of the writer and not of Grain SA.**

# IGrain SA kudliwano-ndlebe... noHenry March

**D**ibana noHenry March. UHenry ngumlimi osaphuhlayo oqhuba ifama ngokutya okuziinkozo nangemfuyo kwifama iTHeewatersvlei, eHopefield eNtshona Koloni. Lo mlimi ozinikele shushu ukholelwa ekubeni xa ukhulele efama intlizyo yakho iya kuhlala isefama.

### Uwuqhuba phi umsebenzi wokufama kwaye ngeehektare ezingaphi? Ulima ntoni?

Ifama iTHeewatersvlei izihektare eziyi-1 176 kwaye yathengwa ngemali-mboleko yaseLand Bank ngo-1994. I-Theewatersvlei iqhutywa lqela lamalungu amane amele iintsapho ezine. Mabini amashishini aphambili kule fama, kukulinywa kokutya okuziinkozo (ingqolowa, ibhalu, ii-ertyisi ezisicaba kunya neowuthsi) kunya nokugcinwa kwemfuyo (iigusha neenkomu).

### Zinto zini ezikukhuthazayo?

Xa ukhulele efama, intlizyo yakho iya kuhlala isefama. Kanti nokuvula amathuba emisebenzi oluntu IwaseHopefield kuyandikhuthaza. Ndikwafuna ukusebenzia umhlabu kangangoko kunokwenzeka kananjalo nemithombo yobutyebi bendalo obukhoyo. Ndinawo nomnqweno wokufikelela kumgangatho wokurhweba.

### Chaza imiba onamandla kuyo nobuthathaka kuyo

Amandla am asemldeni wokukhanda, ukulungelelanisa nakwizinto ezisebenza ngombane kanti ndiyazama nokuba ngumanejala olungileyo. Ndibona ngathi ubuthathaka beshishini lethu kukuba asikabi nazo zonke izihobo zokusebenza ezifuneka ekulimeni ukutya okuziinkozo kanti enye into kukuba siyacothisisa ukukhula naxa sikhula phofu siza kuqalisa ukufumana izihobo ezizezethu kungekudala.

### Sasisingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqualisa ukufama? Singakanani ngoku kwezo zityalo?

Izivuno zam ngoko ndandisaqalisa ukufama sasi-phantsi kakhulu, malunga neetoni eziyi-0,5 ngehektare nganye. Ngoku isiqhelo sezivuno zam ziitoni ezi-2,2 ngehektare.

### Ucinga ukuba yintoni eyona nto ebinegalelo kwinkqbuela nakwimpumelelo yakho?

Ndicenga ukuba inkqbuela nempumelelo yama zenziwa kukusebenza nzima nokufunda kwimpazamo zam. Kanti kutshanje siqale ukusebenza nomcebisi olunge kakhulu kwaye indlela ebheka phambili indenzela imincili.

### Hloba luni loqequeso osowulufumene kude kube ngoku iloluphi uqequeso osalunqwenelayo?

Kude kube ngoku ndifumene uqequeso olubanzi ngokufuya iihagu, iinkomo neegusha. Ndisanqwenela ukufunda kangangoko ngokulinwywa kwengqolowa nangendlela yokulungisa umhlabu. Lukhona uqequeso oselucwangciselwe ukugcinwa kweenewadi nokulinwywa kokutya okuziinkozo (ingqolowa).


### Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo? Ngaba unqwenela ukuzuza ntoni?

Kwiminyaka emihlanu ezayo ndifuna ukulima ngokuzimela ngokwam, kwaye ndandise imveliso yezityalo ezingenisa imali esesandleni ndikhulise necandelo lemveliso yezilwanyana kangangoko.

### Ungabacebisa uthini abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo?

Okukuqala, intlizyo yakho maybe semsebenzini wokufama kuba ufuna umntu osebenza nzima, kwensiwe izicwangciso ezelungileyo nomonde ufeneka kakhulu. Okwesibini, kabalulekile ukukhumbula ukuba akusayi kuba sisityebi ngenyanga enye!

*Inqaku linikelwe nguLiana Stroebel,  
uMququzeleli wePhondo, (eNtshona Koloni)  
kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso  
IwabaLimi. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela  
i-imeyili apha: liana@grainsa.co.za.*



THIS PUBLICATION IS  
MADE POSSIBLE BY THE  
CONTRIBUTION OF  
THE MAIZE TRUST